Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

Matshi
2011

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e - Bhunga le Overstrand esesikweni

PO Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

INGXELO YOPHICOTHO-ZINCWADI ENGENAGXEKE NAXANASI KWAKHONA

UMSEBENZI OSEMAGQABINI NENKQUBELA EBUNZIMENI

INgxelo yoNyaka kaMasipala wase-Overstrand yowama2009/2010 neye-OLEDA zithiwe thaca etafileni nguSodolophu oPhetheyo ngethuba lentlanganiso ekhethekileyo yebhunga yomhla wama-26 kuJanuwari wama-2011 yaye ezimnandi zona iindaba zithi sifumene ingxelo yophicotho-zimali engenagxeke naxanasi okwesine iminyaka ilandelelana.

Kwingabula-zigcawu, uSodolophu oPhetheyo uNicolette Botha-Guthrie uthe le yingxelo esemagqabini kumasipala okwazileyo ukwenza umsebenzi okwiqondo eliphezulu nenkqubela phantsi kwamanzithinzithi ezoqoqosho.

INgxelo yoNyaka lelinye lawona maxwebhu abalulekileyo nasisikhokelo kuye nawuphi na umasipala kwiphulo lakhe lokuphumeza injongo engokomgaqosiseko yolawulo olunenkathalo kuluntu lwasekuhlaleni.

Kuzo zombini ezi ngxelo, ekaMasipala neye-OLEDA uluntu nabo babandakanyekileyo luvulelekile ukuba luveze izimvo zalo ngazo, yaye lungafaka ezo zimvo ukuya kutsho kumhla wesi-4 kuMatshi wama-2011. IBhunga liza kuyiqwalasela le Ngxelo yoNyaka kunye nawo onke amagqabaza nezimvo ezifunyenweyo ngethuba lentlanganiso ecetyelwe ukubanjwa ngomhla wama-30 kuMatshi wama-2011. Le ntlanganiso iya kube ivulelwe noluntu ngokubanzi.

Ngethuba lokusungulwa kwesikhululo esitsha sombane eGansbaai ngoLwesihlanu umhla wama-28 kuJanuwari wama-2011, ukususela ekhohlo, ibinguTheo Potgieter (wakwaKwezi V3), uStephen Muller (uMlawuli: WeziSeko ZoPhuhliso NeziCwangciso), uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, uDanie Maree (ingqonyela yombane eGansbaai), u-André Coetzee (wakwaGansbaai Marine), uBertie Ramsauer (wakwaDyer Island Fisheries), uSekela-Sodolophu uPieter Scholtz, u-André Hugo (wakwaRacec) kunye noCeba u-Andrew Komani.

KUSUNGULWE ISIKHULULO ESITSHA SOMBANE EGANSBAAI

Ukusungulwa kwesikhululo esitsha sokuhambisa umbane eGansbaai ngoLwesihlanu umhla wama-28 kuJanuwari wama-2011 nguSodolophu wase-Overstrand Nicolette Botha-Guthrie kube sisikhumbuzo ngeendlela ezininzi, utshilo.

"Eli ziko lisisikhumbuzo sokulawula ngokubambisana nesokuhanjiswa kweenkonzo. Kaloku le nto ilulawulo yintsebenziswano phakathi kwabo balawulayo kunye nabo babalawulayo. Asinto nje icala-nye. Yaye ngokokwam ukubona, kwimeko yesikhululo esihlaziyweyo sokuhambisa umbane saseGansbaai, bonke abantu abebebandakanyekile bade banochatha ekwenzeni le ndawo ibe ngumzekelo wokulawula ngokubambisana," utshilo uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie.

Wandule ke wabhekisela kwindima edlalwe ngabakwaGansbaai Marine kunye nabakwaDyer Island Fisheries, ezithe zamelwa kwesi siganeko ngu-André Coetzee kunye noBertie Ramsauer.

Phakathi kwabanye abebezimase lo mcimbi ibunguSekela-Sodolophu uPieter Scholtz, uMphathi kaMasipala uWerner Zybrands, uNonjineli oyiNgcali uTheo Potgieter wakwaKwezi V3, uAndré Hugo wakwaRacec kunye namagosa kamasipala.

USodolophu uBotha-Guthrie waleke ngelithi ngeli ziko litsha, uMasipala wase-Overstrand uza kuphumeza zonke iinjongo zezicwangciso zakhe. IGansbaai yindawo enenkqubela enkulu yezoqoqosho ngexa uqoqosho lurhoxoza ehlabathini ngokubanzi, utsho ngombulelo ukuthi imfuneko yesi sikhululo sitsha sombane ibangelwe yinkqubela ekhoyo.

Ngoku ngenxa yeli ziko litsha, abahlali noosomashishini baseGansbaai banokuqiniseka ukuba isibonelelo sabo sombane sikhuselekile yaye sisemgangathweni. Izinto ezifakelelwe kwesi sikhululo sitsha ziza kusenza singafane sibe lixhoba lemililo.

Umnikelo ophoswe ngabakwaDyer Island Fisheries nabakwaGansbaai Marine wenze umasipala wakwazi ukwakha isakhiwo esihle nesibukekayo watsho wakwazi nokukhuthaza uphuhliso loqoqosho, utshilo uSodolophu, esalek' umsundulo ngelithi umnqweno ongazenzisiyo kamasipala kukuqhubeka ebekelela kobu budlelane kwiminyaka ezayo.

UMnu. uStephen Muller, umlawuli weziseko zophuhliso nezicwangciso, uthe isakhiwo sangaphambili sikwazile ukuba luncedo eluntwini kangangeminyaka engama-50, nto leyo ebe bubungqina bembaluleka yomsebenzi osemgangathweni. Ngowama-2008 kwagqitywa ekubeni sihlaziywe eso sakhiwo de kwakhutshwa nethenda ngowama-2009. Umlilo wango-Apreli wama-2010 wasuka wayitshay' isaqhuma le projekthi. Ixabiso lesikhululo esitsha liphuthaphutha izigidi ezi-R5.

KUSABABAZWA IMBALELA ENKULU



Imaphu engasentla, ekhutshwe liZiko LezeMozulu LaseMzantsi Afrika, ixele ukuba kunyaka ophelileyo iindawo ezingqonge iHermanus neBeaufort-West ziye zafumana imvula encinane kakhulu kuleyo bezidla ngokuyifumana. Akukho mntu waziyo ke ukuba iimeko ziya kuba njani na kulo unyaka, kodwa siyathemba ukuba uLa Nina oye wabangela izantyalantyala kumbindi welizwe uya kusiphathela iimvula ezintle nathi kwiimvula zokuqala zobusika. Okwakalokunje, abahlali beHarmanus eNkudlwana bayacelwa ukuba bawonge kangangoko amanzi, nto leyo ephumele umlinganiselo ekubeni wokusetyenziswa kwamanzi nyanga nganye uhle kangangama-25 ekhulwini ebudeni bukaDisemba noJanuwari.

UMBONISO WEZIKOLO ZASENTSHONA KOLONI EZIXHASA EZENDALO

IZikolo Zase-Overstrand EziXhasa EzeNdalo ziphindele kwesezolo. Azibalaselanga nje kuphela kodwa zilikhonkco lonxibelelwano apha eNtshona Koloni. Asingomnqa ke ngoko into yokuba uMbutho Wezinto EziPhilayo ZaseNdle NowezeNdalo WaseMzantsi Afrika (WESSA) uvumile ukuba isiganeko sokukhutshwa kweembasa kulo nyaka siququzelelwe nguMbutho WoLondolozo Wase-Overstrand (OCF) size sibanjwe ngomhla wama-29 nowama-30 ku-Apreli eHermanus.

Kulo nyaka, esi siganeko siza kuba nguMboniso weZikolo eziXhasa ezeNdalo oza kubanjelwa kwiZiko loLuntu lase-Overstrand. Lo mboniso uza kutsala iindwendwe ezivela kwiZikolo eziXhasa ezeNdalo ezili-120, abalungelelanisi beZikolo eziXhasa ezeNdalo kunye nababandakanyekileyo kule nkqubo abavela kuyo yonke iNtshona Koloni.

Kuzo zombini ezo ntsuku, iindwendwe ziza kukhutshwa ukuze ziboniswe ezendalo, yaye imbalasane yesi siganeko iza kuba zizinxibo esimibalabala kunye nepikiniki namava 'achulumancisayo kwihlathi' lasePiet-se-Bos.

Wonk' ubani wase-Overstrand uyamenywa ukuba azimase esi siganeko simnandi sizukileyo nesinemfundiso. Abantu baza kuthath' inxaxheba simahla kuyo yonke imisebenzi. Khangela iindaba okanye utyelele kwijelo le-OCF elileli (www.ocf.co.za) ukuze afumane iinkcukacha.

UMAMKELI WEENDWENDWE ONOBUBELE KWA-102

Inkonde yaseKleinmond ethandwa kunene esele igqibe iminyaka engaphezu kwekhulu u-Arthur Cowley (ekhohlo) ikhe yatyelelwa nguSodolophu wase-Overstrand uNicolette Guthrie-Botha (embindini) kunye noSekela-Sodolophu uPieter Scholtz (ekunene) ukuza kuvuyisana naye kumhla wakhe wokuzalwa weminyaka eli-102 ngomhla wama-28 kuJanuwari wama-2011. Bebemphathele isipho seziqhamo kunye netshokholethi iSwiss. UMnu. uCowley uzamkele ngobubele iindwendwe zakhe waza wazipha neqhekeza lekeyiki yetshokholethi, abalitye kunye. Ukwabonise uSodolophu isiqwenga sephephandaba esinomfanekiso wabo bobabini kunyaka ophelileyo kumsitho woSuku Lokubekwa Phantsi Kwezixhobo (Armistice) eHermanus, apho wathi wamkelwa njengoyena mntu omdala kwabasaphilayo kwiBurma Theatre of World War II. U-Arthur uye waluvuyela ngokwenene olu tyelelo. Loo nto ke umfo lo ukwanoburharha, ukhe waqhula ngedolo lakhe elibonakala lingcono emva kokuthandaza eNkosini. "Ndilusizi nje ukuthi" litshilo eli ncoko "ndiye ndalibala ukucela iNkosi ukuba indincede nakweli thambo lerhorho lam lingasekhohlo."

IIMEKO ZENDALO EZINGQONGE I-FYNBOS

(Icandelo 2)

NguNiel Fairall

Kwiidolophu, izixeko neefama, ukusasazwa kwayo kuphela kweyona nto ibalulekileyo ene-futhe kwi-*fynbos*. Kwiifama, kulinywa amasimi ukuze kuyilwe oozenzele bamadlelo. Umlinganiselo wokusasazwa kwayo ungqamana ngqo namalinge okungenelela kodwa ubukhulu becala uba zizibhaxu zethafa lemvelo ezimeleneyo nezinokulawulwa kunye.

Ukanti ezidolophini, ukusasazwa kwayo kwanda ngokukhawuleza okukhulu yaye emva kwexeshana nje, kwenzeka izibhaxu ezinendawana enye okanye ezimbini ezahlulwe yindlela nemizi. Ekugqibeleni, ekuphela kwento esalayo ziindawana namadlelo kawonke-wonke apho kukho iintyatyambo zemvelo, yaye ukulawula obu tyani ngenjongo yokuba buhlale bukho ixesha elide kuba yintsinda-badala, yaye kuphantse kube ngumsinandozele.

Njengoko kwachazwayo ngaphambili, umlilo uba nefuthe elikhulu kwiintyatyambo yaye ngenxa yeso sizathu, umlilo yindlela ephambili esetyenziswayo yokubulawula. Kuyabonakala ukuba, ukusebenzisa umlilo kwithafa elikufuphi nemizi yabantu nendawo enezakhiwo kuyingozi njengoko kukho ukuxinana, yaye kuyinto engenakwamkelwa tu ngabahlali. Sinokuqikelela ke sithi iindawo eziggqgeneyo azinakutshiswa, yaye ngenxa yoko, kunokubonakala iintyatyambo ezahlukileyo ekubeni iintlobo-ntlobo ezininzi zidinga umlilo ukuze zidubule yaye zityatyambe. Ukuba olo qikelelo luthi isiza esithile siza kwakhiwa ekuhambeni kwexesha, noko asingomcimbi mbi kangako lowo ekubeni ezo ndawo zinokulawulwa njengeepaki zendalo.



Noko ke, kufuneka sigcine amadlelo kawonke-wonke namaziko ezendalo iziindawo zemvelo kangangoko sinako yaye ke phantsi kwaloo meko, kungaba yimfuneko ukusebenzisa umlilo. Kulapha ke apho zonke ezinye izinto, ezinjengexesha lemililo nokuba lixesha lobushushu okanye lengqele, zifuneka khona, kodwa into ebalulekileyo ibiya kuba kukuwulawula loo mlilo ukhuseleke. Ixesha eliqhelekileyo lemililo lihlobo, xa komile yaye kukho imimoya yaye kunokubaswa umlilo ococekileyo.

Iimeko zendalo ezingqonge i-fynbos zenza umlilo ube yinto eyimfuneko yaye ngeso sizathu, ufanele usetyenziswe nokuba inokuba yingxaki kangakanani na loo nto.

SOUL OF CHOPIN

NgoLwesine umhla wama-24 kuMatshi ngeyesi-19:00 i-OAK iza kube isiphathele uChing-Yun Hu, ongumdlali wepiyano, ngoku ovela ngaseMunich, kumnyhadala oza kube ukwiHolo yase-Overstrand waseHermanus. Njengoko esaziwa *'njengowenz' izinto zamehlo' 'nanjengomdlali wepiyano onesingqi esifana nesikaChopin'*, uChing-Yun Hu wafumana ibhaso eliphezulu ngowama-2008 kwiArthur Rubinstein International Piano Competition Master eTel Aviv. Le Nkszn. yakwaHu yazenzela igama iyodwa jwii ineminyaka eli-13 yaye xa yayineminyaka eli-16 ubudala yemka iphethe imbasa yesilivere kwiTaipei International Piano Competition. Uza kube ecula iingoma zento kaBeethoven, uSchumann, uSchubert noLiszt. **Zibekele indawo eBellini eHermanus kule nombolo: 028 312 4988. Tsalela umnxeba uRené du Plooy kule nombolo: 082 940 4238 ngayo nayi-phi na imibuzo ebhekele phaya onayo.**

O·A·K

UKHUSELEKO LOLUNTU

Ukuthi qwaa ngenxa yoluntu lonke kunceda ekuthinteleni ulwaphulo-mthetho

Undoqo kulo naliphi na iphulo lokulwa nolwaphulo-mthetho kukuba abantu babe nomdla kwimpilo-ntle yabanye abantu. Phayaa ePearly Beach, kukho iqela lamadoda namaqobokazana azijul' ijacu nangathumani manzi ekutshintshaneni ngokujikeleza la dolophu ubusuku ngabunye.

La masolomzi agqala yonke imizi njengeluxanduva lwawo, nokuba loo mizi ibhalisele le nkonzo yezokhuselo okanye akunjalo.

Okwangoku, iPearly Beach Patrols ijongene neqela nje elincinane labantu, utshilo uMnu. Mr Theo Coetzer, kodwa noko kunjalo bakwazile ukugcina ulwaphulo-mthetho luphantsi kakhulu.

"Xa abahlali nabanini makhaya benqwenela ukusixhasa kwiinzame zethu, siya kukuxabisa gqitha oko. Asiswelanga nje iintsiba kuphela; sikwacela abahlali ukuba bazimanye neli qela ukuze sibe namandla," utshilo.

Iminikelo yamkelekile yaye inokufakwa kudederhu lweevenkile iPearly Gate, kwivenkile yokutyela nendawo yembarha ekuthiwa yiDie Rooibier nakwivenkile yokutyela ekuthiwa yiLoko 15. Ukanti ungayifaka ngqo nasebhankini iminikelo, nazi ke neenkcukacha zebhanki: Pearly Beach Patrols, Nedbank Gansbaai, Savings account number 2820001343.

Lo ngumzekelo omhle esinokuwulandela, yaye abo banomdla bangaqhagamshelana noMnu. uCoetzer apha 082 461 8475 ukuze bafumana inkcazelo ethe vetshe.

Pearly Beach Patrols
pearlypatrols@yahoo.com
Bus/Box 384
Gansbaai
7220

IPHULO LEMIGAQO YOKUZIPHATHA

Umgaqo wenkathalo

Ucinga ntoni ngeli phupha? Uluntu lwase-Overstrand luhleli phantsi lothe umlilo yaye lugwadla lo mba: Sithanda ukuba luhlobo olunjani loluntu? Wonk' ubani uphosa olwakhe uluvo, yaye ekugqibeleni, sonke siyavumelana kwelithi masifake imbeko, ukuba nenkathalo nenyameko kwimigaqo yethu yokuziphatha. Loo nto ingaba negalelo elivakalayo!

Uluntu lungahlalisana kunye kuphela xa lufikelele kwisivumelwano esingabhalwanga malunga nento eyamkelekileyo nengamkelekanga. Yile nto kuthiwa yimigaqo yokuziphatha ke leyo. Abazali bafundisa abantwana babo iindlela ezithile zokuziphatha kuba bekholelwa kwelokuba zivisisana nemigaqo yokuziphatha yendawo abahlala kuyo. Iinzame zabo ziya kuba nempumelelo xa uluntu nomntu wonke bezama ukuphila le migaqo yokuziphatha.

Umzekelo omhle ingaba yintsebenziswano ekongeni amanzi. Ekubeni ukuba nenkathalo kungomnye wemigaqo yokuziphatha yethu xa sisonke, sonke simanyene kwiinzame zethu zokonga amanzi. Abantu bakwenza oku ngenxa yokuba banenkathalo ngempilo-ntle yekamva lendawo yethu. Abantwana babonela kwindlela abazali babo abawonga ngayo amanzi, yaye ngaloo ndlela, bafunda umgaqo wokuziphatha wokuba nenkathalo.

Xa abantu bephila ngokwale migaqo, akunakuba yimfuneko ukuqesha abo banyanzelisa umthetho okanye ukubeka imithetho.

Iqulunqwe nguGqr. uWilhelm Burger. Zive ukhululekile ukuqhagamshelana naye kule nombolo 083 448 1651 okanye apha wb@ngkonrusrivier.co.za ukuba ufuna ukuba nenxaxheba kwingxoxo engendlela esingakufaka ngayo ukuba nenkathalo njengomnye wemigaqo yethu ephambili.